Isalathiso: 20170714-2962
12/2/13/6
Imibuzo: A Henriques

ISetyhula: 0025/2017
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo eziphakamileyo eziqhelekileyo zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *Ukuqaliswa* ngokumana kusongezwa *ngokwamabakala uncwadi lweMfundo noQeqesho oluQhubelekayo* (*FET*) *kwiBakala 10 ngo-2018.*

Isihloko: Ukuqaliswa ngokumana kusongezwa ngokwamabakala uncwadi lweMfundo noQeqesho oluQhubelekayo (*FET*) kwiBakala 10 ngo-2018

1. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (i-*DBE)* lipapashe iSetyhula S13 ka-2015 engokuqaliswa ngokumana kusongezwa ngokwamabakala uncwadi lweMfundo noQeqesho oluQhubelekayo (*FET*) ukususela ngo-2016 ukuya ku-2018.

2. ISetyhula S13 iyalela ukuba uncwadi lweBakala 10 luqaliswe ngo-2018 ngokungqinelana nale Khathalogu yoNcwadi lwe*FET* kaZwelonke yeBakala 10 ukuya kwele-12 (ka-2015). Kuqatshelwe izikhewu eziziintlobo ngeentlobo kule khathalogu ikhankanywe apha ngentla. Nakuba kunjalo, i-*DBE* yazise ukuba kalokunje ikwinkqubo yokuzalisa ezi zikhewu zikhoyo. I-*DBE* iya kuthi emva koko ikhuphe iKhathalogu kaZwelonke yoNcwadi ye*FET* yeBakala 10 ukuya ku-12 nje ukuba iinkqubo zibe zigqityiwe.

3. Kucelwa izikolo ke ngoko ukuba zi-odole uncwadi *lweFET* lweBakala 10 lwango-2018 ngokungqinelana nesikhokelo esinikwe kumhlathi 4 apha ngezantsi.

4. Izikolo mazilandele mbo ezi mfuno zimiselweyo ze*CAPS* zilandelayo xa zi-odola uncwadi:

KuLwimi lweeNkobe: yiNoveli enye, iDrama enye neNgqokelela yemiBongo enye. KwiiLwimi zesiNtu, inoveli inokutshintshwa noNcwadi lweMveli (*Folklore*).

KuLwimi oloNgezelelweyo lokuQala: naziphi na iintlobo ezimbini zoncwadi (*two genres*): yiNoveli, imiBongo, iDrama namaBalana amaFutshane.

KuLwimi Lwesibini oloNgezelelweyo: naluphi na udidi loncwadi lube lunye kwezi ndidi: kwiNoveli, kwimiBongo, kwiDrama nakumaBalana amaFutshane.

5. Kwezi meko zilandelayo akukho ndidi zoncwadi zinikiweyo kunokukhethwa kuzo:
KwisiAfrikansi uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo: Akukho Drama, miBongo okanye maBalana amaFutshane.
KwisiNgesi uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo: Akukho Drama, miBongo okanye maBalana amaFutshane.
KwisiXhosa uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo: Akukho miBongo kunokukhethwa kuyo.
KwisiXhosa uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo: Akukho Drama, miBongo okanye maBalana amaFutshane.
KwisiSuthu uLwimi lweeNkobe: Akukho miBongo kunokukhethwa.
KwisiTswana uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo: Akukho Noveli, Drama okanye maBalana amaFutshane.
KwisiTswana uLwimi lweeNkobe: Akukho ndidi zeDrama kunokukhethwa kuzo.

Kulindeleke ukuba izikolo zisebenzise izihloko zoncwadi ezikhoyo kwezi ndidi zoncwadi zikhankanywe ngentla ukuvala izikhewu ezikwiKhathalogu kaZwelonke yoNcwadi lwe*FET* ka-2015 kwiBakala 10.

6. Izikolo kufuneka zizalise le thempleyithi yoku-odola iqhotyoshelweyo ngokumalunga nenani loncwadi lwe*FET* olufunekayo kwiBakala 10.

Makubhalwe inani leencwadi eziya kufunwa kudidi loncwadi ngalunye.

Ithempleyithi ezaliswe ngokupheleleyo mayithunyelwe nge-imeyili ku-: Shameez.Gurah@westerncape.gov.za engadlulanga uLwesihlanu we-25 Agasti 2017.

7. I*WCED* iya kuzihlawula iindleko zeencwadi zohlobo loncwadi zeBakala 10.

8. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-08-09